

Inombolo yefayili: 21/2/5/2/LTSM
Isalathiso: 20230330-3080

Ingcaciso eMfutshane yeCandelo leKharithyulam ye-GET: 0006/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharithyulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu nakwiiNtloko zeZifundo zazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

ISihloko: Ukulawulwa kweZibonelelo ezincedisa uKufunda nokuFundisa kwiiklasi zeSigaba esiSiseko

1. Injongo yale ngcaciso imfutshane kukunika isikhokelo nomkhombandlela ngokumalunga neZibonelelo eziNcedisa uKufunda nokuFundisa (LTSM) ukwenzela iSigaba esisieko ngo-2023.
2. ISigaba esiSiseko siqatshelwe njengesibaluleke ngokungaphezulu ngo-2021.
3. Njengenxalenye yale njongo ibalulekileyo, iSigaba esiSiseko safumana ibhajethi eyongezelelweyo ebangela ukuba kuthengwe i-LTSM eyongezelelweyo ukulungiselela ukusetyenziswa kwayo eklasini.
4. Ukuqinisekisa ukuqhubeka kwale nkqubo ngaphandle kwamagingxi-gingxi nokumisela imiqathango ukulungiselela iinjongo zophicotho-zincwadi, makulandelwe esi sikhokelo silandelayo:
 - 4.1 Izikolo ziya kwaziswa ngomhla nexesha elifanelekileyo lokuziswa kwe-LTSM.
 - 4.2 Umboneleli-nkonzo uya kwenza kufumaneka uluhlu lokutshekisha kunye nayo yonke i-LTSM eziswe esikolweni okanye kwi-ofisi yesithili.
 - 4.3 Igosa elabelwe lo msebenzi kufuneka litsheke iitotali lizithelekisa noluhlu lokutshekisha lwe-LTSM.

- 4.4 Igosa elamkela i-LTSM malisayine yaye lifake isitampu kwiphethshana lokuziswa kwempahla.
- 4.5 Zonke izibonelelo ezishotayo mazixelwe kwi-ofisi yesithili zingadlulanga iintsuku ezisixhenxe, nemayiqhagamshelane nomphathi weprojekthi kwaNdlunkulu.
- 4.6 Umphathi weprojekthi uya kujongana nezishotayo yaye enze amalungiselelo nenkampani ezisa i-LTSM, okuba izise ezishotayo kwizikolo okanye kwizithili.
- 4.7 Onke amaphethshana okuziswa kwezibonelelo makangeniswe kwi-ofisi yesithili neya kungenisa ubungqina bokuziswa kwe-LTSM besithili kumntu owenza lo msebenzi okwaNdlunkulu.
- 4.8 Zonke izibonelelo ze-LTSM ezifunyenweyo ziya kufakwa kwi-inventri yezikolo.
- 4.9 Ukutshakishwa kwaqho ngonyaka kuthelakiswa ne-inventri kufuneka kwenziwe ukuqinisekisa ukuba zonke izibonelelo zisafumaneka eklasini.
- 4.10 Iincwadi zokufunda ii-*Decodable graded readers/eziyingqokelela (anthologies)* mazikhavarishwe ngeplastiki.
- 4.11 Isitampu sesikolo simele ukufakwa ngaphakathi kwezi zibonelelo zizi-*graded readers/anthologies*.
- 4.12 Zonke izibonelelo ze-LTSM zihlala ziyipropathi yesikolo. Xa kumka utitshala esikolweni, makulungiselelwe inkqubo yokugqithiselwa kwezibonelelo phakathi kotitshala neKomiti yolawulo yeSikolo (*School Management Team (SMT)*) ukuqinisekisa ukuba zonke izibonelelo zihlala zisesikolweni.
5. Kulindeleke ukuba i-SMT iqinisekise ukuphunyezwa kwesi sikhokelo sibonelelweyo.
6. Kucelwa iinqununu zazise ngale ngcaciso imfutshane kubo bonke ootitshala beSigaba esiSiseko nee-SMTs ezikolweni zabo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO

UMHLA: 2023-04-06